# Isifundo 13

**Juni 18–24*

# Wabethelelwa Wabuya Wavuka



## SABATHA EMVA KWEMINI

### Fundela Isifundo Sale Veki:

Mat. 27:11–26; Yohane 3:19; Isa. 59:2; Mat. 27:45, 46, 49–54; Heb. 8:1–6; Mat. 28:1–20.

### Indima Yenkumbulo:

" 'Linikwe mna lonke igunya emazulwini nasehlabathini' " (Mateyu 28:18).

Intengiso kwimagazini yaseBritani yayibuza ukuba ukhona na umntu onokunikezela ngomzimba wakhe kubunzulu-lwazi. Yayisithi oosonzulu-lwazi bebefunda ngoqwayito lwezidumbu lwaseYiputa ke ngoku bakhangela umntu ozibingelelayo onesigulo esibulalayo okulungeleyo ukunikezela ngomzimba wakhe esa kufa. Abasonzulu-lwazi babekholelwa, le ntengiso, ukuba baqhekeze imfihlo yendlela amaYiputa ayenza ngayo, kwanokuba umzimba "uzakugcinwa-kangangamakhulu okanye amawaka eminyaka"—(www.independent.co.uk/news/science/now-you-can-be-mummified-just-like-the-egyptians-1863896.html). NjengamaKristu, akho mfuneko yakuzikhathaza ngezidumbu zethu ekuzakufuneka zilondoloziwe. U-Thixo usithembise into engcono kakhulu kunoko. Ukufa kukaYesu, apho wahlawula kuYe isohlwayo sezono zethu, novuko lwaKhe, xa "wayeyintlahlela yabalele ukufa" (1 Kor. 15:20)—zizihlahlele indlela izidumbu zethu, ukuba "ingalondolozwe" njengoofaro bamandulo (ngaphandle koko, ukuba wakhe wazibona ezinye zezozidumbu, azizihlanga kakade) kodwa yenziwe kumila kumbi kwimizimba engenakonakala ezakuphila ngonaphakade. Kule veki, izahluko zokugqibela zikaMateyu, sifunda iinyaniso ezingaphelelwayo ngokumalunga nokufa nokuvuka kweNkosi nethemba esilinikwa zezi ziganeko zibini.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha, Juni 25.*

*Juni 19*

# U-Yesu okanye U-Bharabhas

**Funda uMateyu 27:11-26. Ngawaphi amanye amafuthe anzulu okhetho olwanikezelwa ebantwini nokhetho bona abalwenzayo?**

YayinguBharabhas umbulali ekwakufanele ukuba uxhonywe kumnqamlezo osembindini. Ezi zihange ezazisemacaleni inoba yayingogxa bakhe. U-Bharabhasa yayingelo gama kodwa yayi yifani. U-Bar uthetha "nyana ka," njengoba uSimon bar Jona wayethetha "unyana kaYona okanye Bartholomew "nyana kaTimeyu." U-Bharabhas wayethetha "nyana ka abbas"-ukuthi "nyana kabawo." Uninzi lwemibhalo yangaphambili lushicilela igama likaBharabhas njengoYoshuwa (Yesu). U-Yoshuwa yayiligama eliqhelekileyo ngela xesha, lithetha ukuthi "uYehova uyasindisa." Ngoko, igama lika Bharabhas lalikuluhlu lo "uYehova uyasindisa, nyana kabawo." Uthetha ngemfeketho! "Le ndoda yayibanga ngelithi inguMesiya. Yayibanga igunya lokumisela indlela eyahlukileyo yezinto, ukulungisa ihlabathi lithi tsee. Ngokuwexula kobusathana yayibanga ukuba nantoni eyizuze ngokuba okanye ukuphanga yeyayo. Yayenze izinto ezimangalisayo ngenxa yezenzeleleli zikasathana, yayifumana abalandeli ebantwini, yaye yayixhokonxe uvukelo ngakubuRhulumente bamaRoma. Phantsi kwengubo yenzondelelo yezenkolo yayilitshijolo elilukhuni nelinobungqwangangqwili, ithambekele kuqhankqalazo nenkohlakalo. Ngokunika abantu ukhetho phakathi kwale ndoda noMsindisi omsulwa, uPilato wayefuna ukubaqondisa ubulungisa. Wayethembe ukuzuza uvelwano lwabo ngakuYesu ngokuphikisanayo nababingeleli nabalawuli."—Ellen G. White, The Desire of Ages, p. 733. U-Pilato wayephazama. Kude kube kanti baphantsi kokweyiseka nguMoya Oyingcwele, abantu ngokuqinisekileyo bazakwenza ukhetho lwasemoyeni olungelilo, njengoko lenzayo igquba labantu apha. Ekugqibeleni, sonke kufuneka sikhethe phakathi kukaKristu okanye uBharabhas, uKristu okanye ihlabathi eliwileyo elonakeleyo, phakathi kobomi okanye ukufa." 'Ke kaloku, umgwebo nguwo lo, ukuba ukhanyiso lufikile ehlabathini, baza abantu bathanda ubumnyama ngaphezu kokhanyiso; kuba imisebenzi yabo ingendawo' " (Yohane 3:19).

**Kutheni abantu bakholisa ukukhetha ubumnyama kunokukhanya? Ungawubona njani nkqu nakuwe lomkhwa wemvelo? Lo nto mayikuxelele ntoni ngobunyani bemvelo yethu ewileyo, yaye okubaluleke ngakumbi ngemfuneko yethu yokuzinikela ngokupheleleyo kwiNkosi?**

*Juni 20*

# U-Mmeli Wethu Obethelelweyo

**"Kuthe ke, kuthabathela kwilixa lesithandathu, kwada kwesa kwilixa lesithoba, kwehla ubumnyama phezu kwawo wonke umhlaba. Ke kaloku, malunga nelixa lesithoba, wadanduluka uYesu ngezwi elikhulu, esithi, Eli! Eli! Lama sabhaktani! Oko kukuthi, Thixo wam! Thixo wam! Undishiye ngani na?'" (Mat. 27:45, 46). Ithini intsingiselo yeli bali? Siziqonda njani izinto zalo ezichatshazelweyo ngokuphathelele kwicebo losindiso?**

---

---

U-Mateyu ushicilela into ebizwe ngabahlalutyi beBhayibhile "njengendaduluko yokungananzwa." Ukungananzwa kuzisa ingcamango yokushiywa, kwento ukuba ishiywe yodwa yaye iswele. Kule meko sinokubona imeko yokushiywa kukaYesu nguYise. Ubumnyama obagubungela umhlaba ngela xesha babumele umgwebo ongcwele (Isa. 13:9–16, Amosi 5:18–20, Yer. 13:16); uYesu wayesiva kuYe iziphumo ezoyikekayo zesono, kokwahluka okuyimpela noYise. Endaweni yethu, wayethwele, kuYe umgwebo ongcwele kwisono ekwakumele ukuba ngowethu. "Ngokunjalo uKristu, esondezwe kwaba kanye, ukuba asithwale asisuse isono sabaninzi, uyakuthi okwesibini, ngaphandle kwesono, abonakale kwabo bamlindileyo ezisa usindiso" (Heb. 9:28, bona kanjalo ku-2 Kor. 5:21). Emnqamlezweni uYesu uthatha intetho yeNdumiso 22:1 kuba ngendlela eyodwa wayesiva into eviwa ngabantu, ukwahlukana noThixo ngenxa yesono. "Bubugwenxa benu obunahlukanisileyo noThixo wenu, zizono zenu ezibusithelisileyo ubuso baKhe kuni, ukuba angevi"(Isa. 59:2). Oku yayingekokunkwalambisa. U-Yesu ngokwenene wayithwala ingqumbo kaThixo ngakwisono; isohlwayo sezikreqo zethu sawa phezu kwaKhe, waza ngalo ndlela wawuzalisa umphefumlo waKhe ngokukhwankqiswa nokoyika xa wayethwele ubunzima bobutyala, ubutyala bethu, phezu kwakhe. Simele ukuba sibi kanjani isono emehlweni kaThixo kuba sathatha ilingu elinye lobuThixo ukuba live ubunzima bobutyala nesohlwayo sesono ukuze thina sixolelwe sona! Noko kunjalo, naphakathi kobububi, uYesu wakwazi ukudanduluka athi,"Thixo wam, Thixo wam!" Kuko konke okwakusenzeka kuYe, ukholo lwakhe lwahlala lungachukumisekanga. Uzakuhlala ethembekile kude kube sekupheleni, nokuba ingakanani na intlungu, nokuba uziva eshiywe kangakanani na nguYise.

**Kunjani ukuva ukwahlukaniswa noThixo ngenxa yesono? Kutheni ukubanga kwethu ubulungisa bukaThixo ikuphela kwendlela yethu yokuphuma, ibango elikhatshwa yinguquko, uvumo-sono, nesigqibo sokushiya eso sono?**

# LWESIBINI *Juni 21*

# Ikhuselo Elikrazukileyo Namawa Acandekileyo

Mbhali ngamnye weGospile walibalisa ibali likaYesu ngokweenkalo ezahlukeneyo, kodwa zonke zazijolise kukufa kwaKhe. NguMateyu yedwa, ngoko, oshicilela ikhuselo elikrazukileyo namangcwaba avulekileyo.

**Funda uMateyu 27:49-54. Yintoni intsingiselo yezi ziganeko? Themba lini ezisalathisele kulo?**.

---

---

U-Yesu wafa kanye emva kokuba isihlwele, ngenxa yokungawazi awona mazwi kaYesu, samgculela ngokubiza u-Eliya ukuba azokumsindisa. Ukugculela kwabo yayingomnye umzekelo omandla kodwa olusizi wendlela uYesu angaqondwanga ngayo luninzi lwabantu baKhe. U-Mateyu emva koko ushicilela ukuba ikhuselo etempileni lakrazuka ukusuka phezulu ukubhek'ezantsi. Oku kufuzisela akuphazamekanga: ixesha elitsha kwimbali yosindiso laliqalile. Iinkonzo zamadini, eza zikhombe kuYesu ixesha elide, zazingaseyomfuneko. Umfuziselo omdala wehlabathi indawo yawo ngoku yathathwa yinto engcono kakhulu.

**Funda amaHebhere 8:1-6. Zithini ezindima ngento esincedayo ukuba siqonde okwenzekayo kumnquba wasemhlabeni nento ethathe indawo yawo?**

---

---

U-Mateyu ushicilela hayi nje ukukrazuka kwekhuselo kodwa nokucandeka kwamatye, amangcwaba evuleka, nokuvuswa kwenxalenye yababefile-iziganeko ezazinokwenzeka kuphela ngenxa yoko uYesu wakuphumezayo ngokufa njengoMmeli wethu wesono. Ngoko apha kuMateyu, sinokubona izinto zisehla eyayingenako inkqubo endala ngokunokwayo ukuzenza. "Kuba akunakwenzeka ukuthi igazi leenkomo neleebhokhwe lisuse izono" (Heb. 10:4). Kakade, kuphela nguYesu onokususa izono, yaye kuthi isiphumo esikhulu, isithembiso esikhulu, sokususa kukaYesu izono zethu luvuko kwelabafileyo. Ngaphandle kweso sithembiso, asinanto (bona ku-1 Kor. 15:13, 14, 19). Kwezimvuko emangcwabeni (asizazi ukuba zingaphi na), sinokubona kuphela ithemba nedinga lokuvuswa kwethu ekuphelisweni kwephakade.

# U-Kristu Ovukileyo

Inkolo yobuKristu isekelezelwe hayi nje kuphela emnqamlezweni kodwa nakwingcwaba elingenanto. Inyaniso kukuba, inkoliso yabantu elizweni, kuquka nabangengawo amaKristu, ikholelwa ukuba indoda ebizwa ngokuba nguYesu waseNazarete yafa emnqamlezweni. Kungekudala emva kokuba uYesu ephilile sifumana izingqinisiso zembali ezifana nesi esivela ku-Tacitus, isazi-mbali saseRoma: "U-Nero . . . wafaka okona kuthuthumbisa kubukhali kwiqela elalicatshukelwa ngenxa yamasikizi alo, elibizwa amaKristu . . . luluntu. U-Christus, ephuma kuye imvelaphi yeli gama, weva isihlwayo esibuhlungu kakhulu ngexesha lolawulo lukaTiberiya kwizandla zomnye wabenzeleli bethu, uPontiyus Pilato."—Tacitus, A.D. 57–117 (www.causeofjesusdeath.com/jesus-in-secular-history). Kukho ingxoxo encinci, ngoko okanye ngoku, malunga nokuba umntu kwimbali obizwa ngokuba nguYesu wagwetywa waza wabethelelwa emnqamlezweni na. Eyona ndawo inzima luVuko: uluvo lokuba uYesu waseNazarete, owafa emva kwemini ngoLwesihlanu, wabuya waphila ngentsasa yangeCawa. Yeyona nto uninzi lwabantu elisokolisana nayo. Kakade, umYuda obethelelwe emnqamlezweni ngamaRoma yayinto eqhelekileyo leyo. Kodwa umYuda uvuswe kwelabafileyo emva kokuba ebethelelwe? Ngomnye umba lowo ngokupheleleyo. Noko kunjalo, ngaphandle kwale nkolo kuYesu ovukileyo, asinayo konke nkonke inkolo yobuKristu. U-Pawulos wabhala wathi: "Ukuba ke uKristu akavukanga, koba akunto ukushumayela kwethu, loba luyalambatha nokholo lwenu. . . . Ukuba singabathembele kuKristu kobu bomi bodwa, soba sizezona ntsizana kubantu bonke" (1 Kor. 15:14, 19). Ukufa kukaYesu ngokunokwako kwafuneka kulandelwe luvuko, ngoba kuvuko lwaKhe sinengqiniseko yolwethu. Xa sifika kwibali lokuvuswa kukaYesu, sinamacala amabini. Icala lokuqala kukulibona elibali njengoluvo oluyingxelo engeyonyani elabhalwa liqaqobana labalandeli abangamakheswa bakaYesu ukugcina inkumbulo yaKhe iphila, ngohlobo esizama ngalo ukugcina inkumbulo xa umntu oyindumasi esifa kule mihla. Icala lesibini xa sifika kwibali loVuko kukulithatha ngokwenene, ingxelo ethe ngqo yesiganeko esingaqhelekanga, isiganeko esiye sachazwa kamva njengesichaphazela wonke umntu owakha waphila.

**Funda uMateyu 28:1-15. Kutheni uYesu exelela abafundi baKhe (kwindima 9) ukuba "mabavuye"? Eneneni, banokuvuya kuba evukile, kuba iNkosi yabo ibuyile. Kodwa yintoni esona sizathu sokwenyani sokuvuyela ukuvuka kukaYesu?**

________________________________________

________________________________________

 *Juni 23*

# Umyalelo Omkhulu

Kuninzi lwabantu, enye yezinto ezinzima ukuziqonda eyenziwa nguYesu kukubuyela ezulwini aze aphathise ulungiselelo lwevangeli ebantwini. Kukangaphi simdanisa neziqu zethu, yaye njengoko iGospile ibonisa, abalandeli bakhe bokuqala babengohlukanga. Noko kunjalo, kungokusiphathisa ulungiselelo apho athi uKristu abonise uthando lwaKhe kuthi nokumdinga kwethu.

**Funda uMateyu 28:16-18. Thelekisa amazwi kaYesu, " 'Linikwe mna lonke igunya emazulwini nasehlabathini' " (vs. 18) kunye noDaniyeli 7:13, 14. Ezi ndima zisingisele njani enye kwenye?**

______________________________________________________________________

______________________________________________________________________

**Funda uMateyu 28:19, 20-iindima zokugqibela zale Gospile. Uthini uYesu, yaye anxulumana njani amazwi aKhe nathi?**

______________________________________________________________________

______________________________________________________________________

______________________________________________________________________

U-Ellen G. White ubonisa ukuba phantse abe kuma-500 amakholwa ayehlanganisene kwiNtaba yeMinquma xa uYesu wayenyukela ezulwini. (bona ku-1 Kor. 15:6.) Umyalelo waKhe wegospile wawungabhekiselelanga kubafundi kuphela kodwa kuwo onke amakholwa. "Yimpazamo ebulalayo," ubhala atsho, "ukucinga ukuba umsebenzi wokusindiswa kwemiphefumlo uxhomekeke kuphela kumfundisi omiselweyo. Kubo bonke efikileyo kubo intyilelo yezulu baphathiswa igopile. Bonke abamkela ubomi bukaKristu bamiselwe ukuba basebenzele ukusindiswa kwabantu babo. Ngenxa yalo msebenzi ibandla lasekwa, yaye bonke abathabathela kubo izifungo ezingcwele bazibophelele ekubeni ngabasebenzi noKristu."—Ellen G. White, The Desire of Ages, p. 822.

**Ukhe wacinga amaxesha amaninzi ngawe ungumsebenzi kunye noKristu? Kungaziphi indlela ezitsolileyo onokuthi uququzele ekuseni igospile kwihlabathi okulo?**

## Funda Ngakumbi:

Njengokuba benzile bonke abanye ababhali beGospile, uMateyu wabhala ngovuko lukaYesu. Kwakhona, njengoko benzile abanye ogxa bakhe ekubhaleni, akabhalanga nento esondeleyo ngentsingiselo yoVuko. Nangona belidandalazisile ibali loVuko, uMateyu, uMarko, uLuka, noYohane abasinikanga nkcazo ifundisayo yalo, nangona lusembindini nje kwinkolo yobuKristu. Kukwiincwadi zikaPawulos apho sifumana ingcombolo ethe vetshe ngakumbi ngentsingiselo yomnqamlezo. "U-Kristu yena kunje uvukile kwabafileyo, waba yintlahlela yabalele ukufa. Kuba ekubeni kaloku kungomntu ukufa, kukwangomntu ukuvuka kwabafileyo. Kuba, njengokuba kuye u-Adam bafa bonke, ngokunjalo nakuye uKristu bayakudliswa ubomi bonke" (1 Kor. 15:20–22). U-Pawulos kanjalo wabhala ukuba "singcwatywe naye elubhaptizweni; enathi nikuye, navuswa nokuvuswa naye, ngokukholwa kwenu kukusebenza kukaThixo, owamvusa kubo abafileyo" (Kol. 2:12). U-Petros, naye, unento ayithethayo ngalo mxholo ubalulekileyo: "Olusisindisayo ngawo nathi ngoku ubhaptizo ngokomfuziselo; olungekuko ukulahla ubunyhukunyhuku benyama, olukukubuzisa kuThixo kwesazela ezilungileyo, ngokuvuka kukaYesu Kristu" (1 Pet. 3:21). Nangona singayazi ukuba kutheni ababhali beGospile bengazange banikezele ingcombolo kwingcaciso yabo, ezinye iingcaphephe zikubone oku njengobungqina ubuthe chatha bokunyaniseka kweengxelo zabo. Kakade, bebhala kuninzi lweminyaka emva kweziganeko, kwakutheni bangasebenzisi eli thuba ukunikezela ingcaciso enengcombolo yento ababefuna bayikholelwe abantu ngoVuko? Ukuba ibubuqhophololo okanye ubuqhetseba, kutheni bangathathi ithuba lokuba baththe nantoni ababefuna ukuyithethe? Endaweni yoko, babalisa nje ibali ngokulula, bengenzi migudu yakulihombisa ngeenkcazelo ezifundisayo ngento elalimele ukuyithetha.

## Imibuzo Yokuxoxwa:

**1. Ngexesha lokufa kukaYesu, ikhuselo letempile kuMnqophiso oMdala lakrazuka ukusuka phezulu ukwehla, kwaza kwangeniswa uMnqophiso oMtsha, ulawulwa nguMbingeleli oMkhulu omtsha, uYesu Kristu. "Ngoko, bazalwana, sinokungafihlisi nje ukungena kweyona ngcwele ngalo igazi likaYesu, ngendlela entsha, ephilileyo, awayisungulela thina, iphumela ekhuselweni, oku kukuthi, enyameni yakhe; sinombingeleli omkhulu nje phezu kwendlu kaThixo," (Heb. 10:19–21). Kukwenza uzive njani ukwazi ukuba uKristu ngokwaKhe ngoku unguMbingeleli oMkhulu wakho?**

